## Amagama amatsha amabawaqhele

| | | |
|---|---|---|
| efestileni | kodwa | uphinde |

## Izandi (ukuqwalasela kwakhona)

kh, nd

## Izandi

nk (un**k**osazana, u**Nk**awu, iso**nk**a, neso**nk**a, so**nk**e)

ty (si**ty**iwe, ku**ty**a, esi**ty**eni, akaka**ty**i, si**ty**a, uku**ty**a, uyasi**ty**a, si**ty**e, sendi**ty**ile, usi**ty**e)

VulaBula Uthotho lweencwadana zebanga loMgangatho osisiSeko

Ipapashwe 2013 ngabakwa-Molteno Institute for Language and Literacy

Zisekwe kwimvelo yothotho lweencwadana exhaswe yi-Zenex Foundation

ZENEX FOUNDATION

*Sityiwe isonka*

- Umhleli wothotho: Jenny Katz
- Abaqambi bamabali: Jenny Katz noMirna Lawrence
- Umsebenzi: Jenny Katz
- Incutshe kulwimi isiXhosa: Nolitha Bikitsha
- Umzekelisi: Vusi Malindi
- Uyilo nongqaleko: Resolution

© 2013 Molteno Institute for Language and Literacy

MOLTENO INSTITUTE FOR LANGUAGE AND LITERACY

ISBN 978-1-77580-142-9

BY NC ND

Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute the Molteno Institute for Language and Literacy, but you may not change this work in any way or use it commercially.



Unkosazana uNkawu umeme
umnumzana uNkawu.
Baza kutya isonka nesonka samasi.
Unkosazana ubeka isonka efestileni.
Ubeka nesonka samasi esityeni.

Umnumzana uNkawu ufikile. Uyabukeka kule suti. Akakatyi oko kusile.

‘Sitya nini?’ uyabuza umnumzana.





Uyalibazisa kodwa unkosazana.




Umnumzana unukisa isonka.
Unukisa isonka samasi.
Umnumzana ufuna ukutya ...
Uyasitya isonka nesonka samasi!



Unkosazana uyalibazisa.
Uxakekile, uqabe nomlomo.
Uzibuka nasesipilini.
Ufuna ukubukeka kakhulu.

‘Sitya nini?’ uyabuza umnumzana. Unkosazana uyalibazisa suka!



Umnumzana unukisa isonka.
Unukisa isonka samasi.
Umnumzana ufuna ukutya ...
Uyasitya isonka nesonka samasi!



Unkosazana uyalibazisa.
Umnumzana uyasitya isonka
nesonka samasi.

Wade wavela unkosazana.
'Iza sitye isonka,' unkosazana wamkela umnumzana.
'Isonka! Sendityile!'

Owu! Usitye sonke isonka nesonka samasi, umnumzana uNkawu!



'Icebo lam liwile,' uyalila unkosazana uNkawu. 'Hayi ke, sobe uphinde uze. Ndidanile!'

## Umsebenzi

Isivakalisi sibalisa ngabani - ngonkosazana uNkawu okanye ngomnumzana uNkawu?




Unkosazana uNkawu




Umnumzana uNkawu

1. Uyabukeka kule suti. __________
2. Uyalibazisa. __________
3. Uzibuka nasesipilini. __________
4. Ufuna ukutya. __________
5. Uyasitya isonka nesonka samasi. __________
6. Uyalila. __________

I-*Vula Bula* yinkqubo eyodwa kuba ivelisiwe kwisiseko solwimi ngalunye kwiilwimi zeemvelo zoMzantsi Afrika. Inkqubo iyilwe ngononophelo, ivumelana ingqinelana kananjalo nokukhula kolwimi endalweni kwakunye neemfuneko ezingundoqo zobuchule bokufunda nokubhala ulwimi.

Vula Bula

**INQANABA loku- ✶ (8)**

Hayi!
Vula vala
Baleka!
Lala
Bala
Coca
Zoba usike
Mamela

**INQANABA lesi- ✶✶ (7)**

Jika
Utata usele nosana
Umnikelo
Lelikabani eli vili?
Uhambo
Sebeza
Ekhaya

**INQANABA lesi- ✶✶✶ (6)**

Ncedani!
Yophukile ifestile
Uphi uZinzi?
**Sityiwe isonka**
Sidlala undize
Izinyo

**INQANABA lesi- ✶✶✶✶ (5)**

Evenkileni yempahla
Umnqathe omkhulukazi
Ibali lobugqi
Gcinela ingomso
Isuphu yelitye

**INQANABA lesi- ✶✶✶✶✶ (6)**

Idabi lomoya nelanga
Umvundla nofudo
Ingonyama nempuku
Ukubhaka nomakhulu
Edolophini
UMzantsi Afrika ngowethu

Iincwadana zebanga zibonelela ngamathuba amaninzi okuqhelanisa amaqela, okhokelwayo, isibini nozimeleyo ukufunda ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo wesandi/ ubugcisa bokwazi ukubiza ufunde igama ngokubona into. Izivakalisi ezakhiwe lula nacacileyo nesigama esiqhelekileyo zenza inkqubela nokufunda kukhawuleze. Imizekeliso enomtsalane, ecacileyo nenenkcazo epheleleyo yenza kube lula ukuqonda.

## ISIXHOSA

ZENEX FOUNDATION
MOLTENO INSTITUTE FOR LANGUAGE AND LITERACY

CC BY NC ND

ISBN: 978-1-77580-142-9
9 781775 801429